education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

EXEMPLAR 2009

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2½ iiyure

Eli phepha linamaphepha ali-15.

IMIYALELO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Ungazami ukufunda lonke iphepha. Funda isiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uchonge amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamacandelo amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO C: Umdlalo (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwencandelo ngalinye.

5. Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo omane. Umbuzo omNYE kwicandelo ngalinye kwamabini (Umbuzo omnye kwijenri nganye efundiweyo) enamanqaku angama-70.

6. Bhala iinombolo zeempendulo zakho kanye ngolu hlobo zilulo kwimibuzo.

7. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

8. Bhala cocekileyo nacacileyo.

9. Isikhokhelo sokulawula ixesha: Thabatha kangangemizuzu engama-60 ubude kwicandelo ngalinye.

ICANDELO A

INOVELI: UMBUZO OMFUTSHANE

UMBUZO 1

1.1 Funda ngocoselelo isicatshulwa esihamba nomfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

"Noko ingasisono ukuba ndingabulalisa onje yena umfana. Kungokuba mna ndingaba ndisisidenge bethu xa ndinokuzizamela ukuba ndimfumane, ndiyeke eli xwakuxwaku linguZet. Khawucinge nawe, ugqirha nomahlalela wotsotsi," zihambe zanjalo iingcinga zeli nenekazi intliziyo ibetha, nomzimba ubaleka igazi. Kuthe xa kujikelwa okwesihlanu kwakho umntu onxibe ikepusi nongaqhinanga nonganxibanga kakuhle osuke weza ngqo kooMpumelelo, wafika wamthi mpa mpa emagxeni ethetha:

"Ekskuus, broer, nami ngifuna ukudansa nale cherry udansa nayo."
Uthe akumthi krwaqu uMpumelelo lo mntu kwathi **nyaka** kuba le nto uyithathe njengendelelo. Ubengathi akananzi koko waqhuba edanisa nentombazana.

1.1.1 Ngubani lo ucingayo apha? (1)

1.1.2 Ucinga ngabani apha? (1)

1.1.3 Ngumfana onjani lo athi angaba nesono ukuba angambulalisa? (2)

1.1.4 Uyavumelana na nesimilo sale ntokazi, sokuthi swii ngugqirha ethandana nomahlalela? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Ingaba yintoni engayanelisiyo le ntombi kumntu wayo? (2)

1.1.6 Ngubani lo uthi, "Ekskuus, broer, nami ngifuna ukudansa nale cherry udansa nayo?" (1)

1.1.7 Kutheni ethetha ngolu hlobo nje? (2)

1.1.8 Indlela athetha ngayo iyamdiza ukuba ngumntu onjani uZet.
Khetha impendulo echanekileyo:

A Ungumntu ofundileyo
B Ungumntu onesidima
C Ungutsotsi ongenambeko (1)

1.1.9 Yintoni engamkelekanga ngalo mfo kule ndawo? (3)

1.1.10 Yintoni eyenza kuthi nyaka kuMpumelelo akumjonga lo mfo kumqolo wesi-9? (2)

1.2

'Tyhini, ngumntu otheni na lo uyeka amantombazana engaka aze kundiphazamisa … Ngeli xesha bancokolayo, lo guluva unguZet ubagadile. Uye wayiqaphela le nto yokuncokola kwabo nokungayeki ukudanisa, kwathi nyaka isikhwele. Uye wee **phinye phinye hexe hexe** wabuya waza kuthi gqi phambi kwabo akathetha, koko wathi xhiphu uLizzie wamdudula. Iye yamcaphukisa noLizzie le nto.

"Hayi man Zet wenza ntoni ...?"

"Heyi, wena, Lizzie, uyangibuza usazi? Manje yimina i-ou yakho neh. You do what I like. Mina ngizodansa phela nawe lo," yatsho le nkabi intsangu ijikeleza entloko. UMpumelelo ngokucaphuka uye walithabatha kwakhona kuba igazi lobutsha liye lafudumala nakuye, wayithatha njengempoxo into yokohluthwa umntu ngesinje sona **isimenyo**. Kuye konakala ukuhlala ...

Lo tsotsi uthe phinzi phinzi phakathi kwabantu eleqwa nguMpumelelo nabanye abantu. Kuye kwanguloo mbhodamo wokugilana kwabantu abanye bezibalekela.

1.2.1 Yintoni eyenza uZet abagade aba babini badanisayo? (1)

1.2.2 Ngubani igama lale "cherry" kudaniswa nayo? (2)

1.2.3 Kutheni le ntombi ingafuni kuyeka ukudanisa noMpumelelo nje? (2)

1.2.4 Ungathi ngumntu onjani le ntombi? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.2.5 Cacisa le ntetho, "Heyi wena Lizzie, uyangibuza usazi" wazi ntoni uLizzie? (1)

1.2.6 Njengoko umva ethetha uZet nentombi yakhe, ungathi ngumntu onjani xa umchaza? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.2.7 "Intsangu ijikeleza entloko", ithetha ukuthini le ntetho? (2)

1.2.8 Yintoni le yacaphukisa uMpumelelo kangaka? (2)

1.2.9 Intetho ethi "kuye konakala ukuhlala", ithetha ukuthini?
Khetha echanekileyo

A bahlala kabuhlungu esitulweni.
B waqala umlo.
C bahamba bagoduka. (1)

1.2.10 Ingaba eyona nto yayizelwe nguZet apha yaphumelela? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

1.2.11 Ukuthi phinye phinye, hexe hexe kusinika umfanekiso womntu o. Khetha echanekileyo

A danisayo.
B ocothayo ukuhamba phakathi kwabantu.
C thubeleza ngokukhawuleza egxadazela. (1)

[35]

UMBUZO 2: ISINCOKO

UMpumelelo uyawazi amanzithinzithi obomi. Ukhule ehamba egileka wada waba yile nto ayiyo. Chaza indlela akhule ngayo uMpumelelo wada waba ngutata. **[35]**

UMBUZO 3: INOVELI 2: UMQOL'UPHANDLE

ISICATSHULWA A

3.1 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

> Uthe uphela umboniso, Dick, ndabe sendiyilibele into yenenekazi. Njengesiqhelo, ndonde nge-ofisi yam, ndisukela ukuya kubala ubutikana endandibuzuze ngobo busuku. Bedlula-dlula nje ngefestile ye-ofisi ababukeli bomboniso, eyam ingqondo seyisemalini leyo. Ndandinombuzo omnye endandiwulungiselele bona bonke njengoko bedlula: Uwuthande njani umboniso? Ndandiwubuza ke ndiqondele phantsi, ndixakekile, ndibala ezo tiki zembarha.
> "Ndathi ndiphuma apho ekugqibeleni kwam, kwabe sekutsala imoto yokugqibela. Yona imoto endagqibela isesingeni ndandise ndiyilibele shici ... Yayiyikwesi sithuba ke," utsho esalatha phakathi kwesinyakanyaka semithi yomnga. Yayiyindawo engekude kakhulu kwindlela yemoto. Bayibona imitshithi yamavili ingacacile phofu ngenxa yokushinyana kwengca. Ubethe kuhle okaHlobo eqwalasele phantsi, incwadana yakhe eyithe chu ngesandla, ehamba ngekhondo laloo mitshithi yamavili. Ude wee xha ndaweni ithile eyayilibalana lo mhlaba ontushu-ntushu.

3.1.1 Khankanya izenzo ezibini zobubele ezenziwa ngumfo kaBumba ezenzela umfo kaHlobo mhla wayetyelele eRio. (2)

3.1.2 Lithini igama lomboniso owawudlala ngale mini? (1)

3.1.3 Yimoto etheni le yagqityelwa ingena esingeni ngulo kaBumba? (2)

3.1.4 Hlobo luni lwamavili olwaboniswa yimizila yamavili emoto eyangena esingeni? (2)

3.1.5 Yintoni eyenziwa ngulo kaHlobo kwindawo enomzila wamavili? (2)

3.1.6 Kubungqina bukaBumba yintoni ayikhankanyileyo neyathi yatsala umdla omkhulu kuDick? (2)

3.1.7 Le nto uyikhankanye ngasentla apha uEddie wathi wayeyifunela ukwenzani? (2)

3.1.8 Nika inkcazelo ngenenekazi elabonwa nguJoe eRio ngomhla wokubulawa kukaEddie? (2)

ISICATSHULWA B

3.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi:

"Ndisuswa sisithukuthezi sokubona uSisi engabuyi. Ndithi mandize kuqonda imeko ngaye ndiqonde netyala abekwa lona."
"Uyindoda, mfo wam," uphendule ngelo okaHlobo.
"Ndiyakubona uyamthanda uSisi wakho."
"Kakhulu nkos'am!"
"Usisi wakho akabekwa tyala, unceda thina ekuphandeni ityala. Simgcine apha kuba kukho iindawo ezimrhetshayo. Siyaqonda ukuba angathi engaphandle akhathazwe kakhulu zintetho zabantu belokishi abathanda ukuthetha izinto abangenalwazi luqinisekileyo ngazo. Ndiqinisekile uyamazi uEddie Maga." ...
"Ndimazi kakhulu nkos'am." ...
"Heke! Sincedisa usisi wakho ke ekufuneni umntu obulele isoka lakhe."
"Ndiyaqonda ke ngoku," watsho sencuma ngoku umfana. "Phofu ke, mhlekazi wawumbethela ntoni laa mini?"

3.2.1 Ngubani igama lalo mfana usebenzela uLinda? (1)

3.2.2 UDick uthi yintoni isizathu sokuba uLinda avalelwe? (2)

3.2.3 Zinto zini ezakhankanywa ngulo mfana ngeli langa eze kubona usisi wakhe, zinto ezo ezibonisa ukuba uLinda akananto yakwenza nokufa kukaEddie? (4)

3.2.4 Lo mfana yintoni athe wayenza akusuka apha ukuzama ukuba usisi wakhe akhululwe eluvalelweni? (2)

3.2.5 Ngokwendlela lo mfana amchaze ngayo uLinda, ungathi uLinda lo ngumlinganiswa onjani? Nika iimpawu zibe mbini. (4)

3.2.6 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi "simgcine apha kuba kukho iindawo ezimrhetshayo"? (2)

3.2.7 Yintoni eyabangela ukuba uLinda angayi kuxelela amapolisa ukuba ivolovolo yakhe ilahlekile? (2)

3.2.8 Ngowuphi umsebenzi kaLinda eMoonglow Club? (1)

3.2.9 Ngoobani abantu abakhankanywa ngumfana osebenzela uLinda kubantu ababeze kuvelela uLinda emva kokushiywa sisithandwa sakhe? (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 4: ISINCOKO

Okwenzeka emfihlakalweni kuyatyhilwa kube selubala. Ngqina la mazwi ngokuthi ucangcathe kumayelenqe athe enziwa nakhokelele ekubeni uLinda Monti azibone sele endyondya kwezimnyama izisele uye kuma mhla yavela inyaniso. **[35]**

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B

UMDLALO: Ndiyekeni ngu DM Jongilanga

UMBUZO 5

5.1 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

Nomawele:	Lo mcimbi ndiyawoyika. Ngobusuku obuphambi kobu asweleke ngabo utitshala lo zange silale kwesiya sitalato enkqonkqoza kwaFuneka ekhala ngemali yakhe ephelele apho. Akazange avulelwe.
Njobe:	Uqonde ngani ukuba akazange avulelwe?
Nomawele:	Sasikrobile, sambona xa emkayo. Ndigqithe apho. Ngobu busuku kuse efile, sothuswa sisikhalo esikrakra phaya kwaFuneka sabuya sayeka. Sithe sikroba asabona nto. Ndithi ke mandikuhlebele endikwaziyo, ndingazi ke nokuba ezi ndlela azidibani na?

5.1.1 Ngubani igama lalo titshala athetha ngaye apha uNomawele? (1)

5.1.2 Khawuchaze ngezivakalisi ezibini ukuba imali yalo titshala iphelele njani kwaFuneka? (2)

5.1.3 Ingaba yintoni edibanisa lo titshala noFuneka? (1)

5.1.4 UFuneka uhlala phi? Nika igama lesithili nelokishi. (2)

5.1.5 Utitshala ufunyenwe equngquluze ndawoni apha endlwini kaFuneka? (1)

5.1.6 Sele efunyanwa apha kwaFuneka nje ingaba ungene njani? (1)

5.1.7 Nika amagama abantu ababini ababehleli noFuneka kwakhe ngale mini. (2)

5.1.8 Ingaba ubulewe yintoni kanye-kanye utitshala? (1)

5.1.9 Oku kufa kwakhe ingaba kwabangwa yingozi okanye yayisisenzo sangabom. Chaza ngemigca emine uxhase uluvo lwakho. (5)

5.1.10 Kufumaniseke bebathathu abantu ababandakanyekayo ekufeni kukatitshala. Nika igama lomntu ngamnye uze uchaze nesigwebo asinikiweyo. (6)

5.1.11 Lo mdlalo uphela ngamazwi athi: "Ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo". Phuhlisa intsingiselo yala mazwi ngokucaphula kwiziganeko ezehla apha kulo mdlalo. (4)

5.1.12 Amazwi athi "Ndiyekeni" athethwa ngubani? Wayewabhekisa kubani kwaye uphi ngeli xesha awathethayo? (3)

5.1.13 UFuneka nabahlobo bakhe babe phi ngeli lixa utitshala engena endlwini yakhe? (1)

5.2 Tshatisa intetho okanye amazwi omlinganiswa AKUKHOLAM A nomlinganiswa ofanelekileyo KUKHOLAM B. Bhala kuphela inombolo nonobumba ofanelekileyo.
Umzekelo: 1.1.1 D.

KHOLAM A	KHOLAM B
5.2.1 Kutheni uthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo?	A Jerry
5.2.2 Look Funnie girl, umdlalo uwuqhelile, sondeza uMawonga.	B Loni
5.2.3 O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam?	C Ndila
5.2.4 Boys and girls. Namhlanje sivuyisana nomkhaya wam.	D Thandiwe
5.2.5 Uncedwe ngabelungu? Unethamsanqa.	E Nomasoka

(5)
[35]

OKANYE

UMBUZO 6: ISINCOKO

Chaza isimo sikaNdila xa umva esithi kumazibuko, "andinaxesha leencede Sammy xa ndijongene nesangxa". **[35]**

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C

AMABALI AMAFUTSHANE, Ndakuyicel'ivuthiwe, Ngewu, LL & Guqa, EZ

UMBUZO 7

ISICATSHULWA A

7.1 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

> Kwalile ngeny'imini ezi zikrelemnqa zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga kuba umninimzi ubesel' ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zixhakazela zizinto zeli khaya.

7.1.1 Xela okwakugqitywa kuqhutywa zizikrelemnqa. (2)

7.1.2 Umntu osisiqhuza ngumntu onjani? (2)

7.1.3 Kuthetha ukuthini ukuthi maxhalanga ndidleni? (2)

7.1.4 Babezokwenza ntoni aba bantu kweli khaya? (1)

7.1.5 Ngabantu abavela phi aba benza le nto? (1)

7.1.6 Kutheni beyenza apha nje le nto? (2)

ISICATSHULWA B

7.2 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

> "Yini yise kaNobani uyindoda yokwenzani xa siza kufel'endlwini ukho," iphendule indoda ngelithi, "Ngubani lo owakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? Mna ndifundile nje andisosidenge, ngoko ke andinakuya ekufeni ndikubona, kuba abukho obusetyesini mfazi."

7.2.1 Ngoobani aba bathethayo? (2)

7.2.2 Kutheni bethetha ngolu hlobo nje? (2)

7.2.3 Kwenzeka ntoni ngeli xesha? (2)

7.2.4 Lo mntu uthethayo ufuna athini lo tata? (2)

7.2.5 Ingaba likhona ithemba lokuba le ndoda iza kuphuma? Caphula isivakalisi esingqinelana nempendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA C

7.3 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

"Maqabane ningandibulali! Ndiyekeni ndizifele!"

7.3.1 Ngubani lo uthethayo, kwaye ubhekisa koobani? (2)

7.3.2 Kutheni esithi maqabane kwaba bantu nje? (2)

7.3.3 Kutheni esithi makayekwe azifele nje? (2)

7.3.4 Ingaba aba bantu bayayithanda into yokubizwa ngokuba ngamaqabane esikrelemnqa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.3.5 Kwenzeka ntoni emva kokuba ebabize ngamaqabane aba bantu? (2)

7.3.6 Ingaba wazifela okanye bambulala? (1)

7.3.7 Ucinga ukuba abantu baseDikeni babelungile okanye babekhohlakele ngendlela ababembethela ukumbulala ngayo lo mfo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.3.8 Isifundo esifumaneka kweli bali sithini? (2)
[35]

OKANYE

UMBUZO 8: ISINCOKO

8.1 Kwiilokishi ezininzi kweli loMzantsi Afrika uninzi lwabantu luphela luthathela umthetho ezandleni zalo ngenxa yokudinwa lulwaphulo mthetho olugqubayo kwezi ndawo. Zithini iingcamango zakho ngale meko? Tyatyadula ngokuthi uqamele kwindlela abantu baseDikeni abathe bayisombulula ngayo into yokuhlaliswa kakubi zizikrelemnqa kwindawo yabo kwibali elithi "Izibhovubhovu zaseBhayi". (15)

8.2 UMathilda ubeyindoda ebukhali, engayifuni into ebheke ecaleni, ingakumbi emzini wakhe. Udaba lokukhulelwa kweentombi zakhe zombini ngaxeshanye lumenze wathatha isigqibo sokuzigxotha. Ucinga ukuba isimo sikaMathilda sokubambelela kumasiko nezithethe zamandulo siyangqinelana nesimo sentlalo yanamhlanje? Xoxa kuvokotheke. (20)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D

ISIHOBE: VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 9

9.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

1 Hay'ubuhle benu mithindini!
2. Niluhlaza kanye ngokwenene.
3. Amehl'aziv'ephumla akunijonga,
4. Nibe nina niziyekelele ngokwenene.
5. Nenziwa ziintloni okanye ngamabhongo na?
6. Kwowu! Hayi noko; ingekuko nina.
7. Ninj'ukuba nothando!

8. Ninothando kuba niyizolele indalo yonke;
9. Amahobohobo aphumla kuni nonke;
10. Ikwangaw'akhayo emaseben'enu;
11. Ninothando, kuba nomhamb'uphumla phantsi kwenu,
12. Aphozis'ubushushu kumthunz'obandayo wenu.
13. Ninothando, kuba ngasemanzini kukuma kwenu.
14. Ngokunjalo ke nembeko ninayo.

15. Ninembeko nakuw'umoya:
16. Nangon'unithatha unibhekise ngapha nangapha,
17. Anilukhunanga ngokwemith'emidala-
18. Niyawuthobela ngembeko ngapha nangapha.

19. Mingcunube! Imilamb'imihle nje nini.
20. Kodwa ke nina aniziqhayisi-
21. Nihleli loo ntlalo yokuzithoba nanamhla.

9.1.1 Sithini isihloko salo mbongo? (1)

9.1.2 Yintoni ebangela ukuba amehlo abantu azive ephumla xa ejonge le mithi? (2)

9.1.3 Ingaba ukusetyenziswa kombala oluhlaza kuphuhlisa ntoni ngokubhekiselele kwinkangeleko yale mithi? (2)

9.1.4 Xa umbhali esithi, 'niziyekelele ngokwenene' ngokubhekiselele kule mithi uthetha ukuthini? (2)

9.1.5 Nika izinto ezimbini eziphumla kule mithi. (2)

9.1.6 Amahobohobo azakha phi iindlwane zawo? (1)

9.1.7 Chaza indlela ebonakala ngayo imbeko yale mithi. (2)

9.1.8 Nika udidi lwesafobe esisetyenziswe ngumbhali kumqolo we-17. (1)

9.1.9 Uyavumelana noluvo lokuba imingcunube iyenza ibe mihle imilambo? Xhasa impendulo yakho. (3)

9.1.10 Nika udidi lwesafobe esisetyenziswe kwimiqolo emibini yokugqibela, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

9.1.11 Myalezo mni ogqithiswa ngumbhali kulo mbongo? (2)

9.2 Funda lo mbongo uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

Intombi yam

1. Ndinantomb'intle kunene
2. Ndinantomb'endiyaziyo
3. Ndivela kuyo incume
4. Umafungwashe wam

5. Le ntomb'imkhitha mhle
6. Le ntomb'imehl'anombuzo
7. Ndivela kuyo incume
8. Umafungwashe wam.

9. "Woba yintoni bethu?"
10. Ibhadul'ingqondo.
11. "Ubulimikazi bona?"
12. Umafungwashe wam.

13. Abe yintoni bethu?
14. Izikis'ingqond'icinga.
15. "Ubongikazi bona?"
16. Umafungwashe wam.

17. Uz'usuk'ufunzel'iincwadi
18. Wenjenje! Wenjenje!
19. Uz'usuk'uthand'uSombawo
20. Uthi! Uthi! Uthi! Uthi!

9.2.1 Injani intombi yombhali? (1)

9.2.2 Yintoni umkhitha? (1)

9.2.3 Ucinga yintoni unobangela wokuba intombi yombhali incume akuvela umbhali? (2)

9.2.4 Ukuphindaphindwa kwebinzana elithi 'umafungwashe wam' kuphuhlisa ntoni ngale ntombi yombhali? (2)

9.2.5 Amehlo anombuzo ngamehlo anjani? Chaza. (3)

9.2.6 Uphindaphindo olusetyenziswe kumqolo wokuqala nowesibini luphuhlisa ntoni? (2)

9.2.7 Ibhaduliswa yintoni ingqondo yombhali? (2)

9.2.8 Nika iindidi ezimbini zemisebenzi umbhali acingela ukuba zingalikhondo lentombi yakhe? (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 10

10.1 Funda lo mbongo uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

1. Ngumathunga kwabanyembezi;
2. Ngumakhi wesizwe.
3. Ogcin'izizwe zibambene,
4. Ogcin'izihlobo zibukana.
5. Onayo unomkhokha.

6. Ngumkhumezelo phezu kohlaza.
7. Ngamathontsi phezu kotyani.
8. Onayo makayinxibe nenceba;
9. Onayo makasiph'ubuncwane;
10. Siphuphum'isizwe luthando.

11. Inkohlamntu nenkohla
12. Onayo ukwanomzondo
13. Kwiinkundla zokuzathuza
14. Iqashiso liwa mva kuye,
15. Kuba kaloku ngudiz'amahlebo

16. Inkohlamntu nenkohla
17. Onguye Uyamphakamisa;
18. Kubabandezeli Uyamxhasa;
19. Avelele njengeNtab'eZiyoni;
20. Kuba uyidayiman'eluthulini.

10.1.1 Sithini isihloko salo mbongo? (1)

10.1.2 Nika isafobe esisetyenziswe ngumbhali kwisitanza sokuqala. (1)

10.1.3 Umntu onenyaniso ngumntu onjani? Nika iimpawu zibe ntathu. (3)

10.1.4 Yintoni umkhokha? (1)

10.1.5 Chonga isafobe esisetyenziswe kwisitanza sesibini uze uchaze nodidi lwaso. (2)

10.1.6 Kwenzeka ntoni kumntu onenyaniso kwiinkundla zokuzathuza? (1)

10.1.7 Chaza le ntetho ngamazwi akho: "Ngudiz'amahlebo". (2)

10.1.8 Chaza intsingiselo yamazwi akwisitanza sesibini athi, 'onayo makayinxibe nenceba'. (2)

10.1.9 Ngubani lo Nguye uphakamisa umntu onenyaniso kuthethwa ngaye apha? (1)

10.1.10 Ucinga ukuba umntu onothando uzigcina njani izihlobo zibukana? (2)

10.1.11 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

10.1.12 Uthini umyalezo wombhali kulo mbongo? (1)

10.2 Funda lo mbongo uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi:

1. Bunjalo obu bomi bumnandi-krakra,
2. Obu bomi bumacala mabini okoxolo lomthi.
3. Bakufik'unkene-nkene bukuqob'amadolo.
4. Bakuvel'uthe-ethe bukulalisa ngophothe.
5. Ndiswel'imilom'okukuxolisa kwintlung'engaphakathi.
6. Ndiswel'izandla zokukusul'iinyembezi zomphefumlo.
7. Ndiswel'amandl'okukukhombis'umend'onguwo.
8. Ndiswel'isipho sokukwenz'uxol'ulibale.

9. Izinto zalo mhlaba ngubhanga cim'okwerhangasi,
10. Intlung'eziyidalayo phof'ayishiyi sigingqi nazilonda.
11. Kuba kamb'okomhlaba kuyaguga.
12. Kuba kamb'ezalaph'emhlabeni ziyabuna.
13. Izint'ezininz'akakh'amandl'okuzinqanda.
14. Iziphiw'ezininzi'akakho amandl'okuzigcina.

10.2.1 Hlobo luni lombongo olu? Kutheni usitsho? (2)

10.2.2 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi 'ubomi bumnandi-krakra'? (2)

10.2.3 Amagama asetyenziswe kwisitanza sokuqala u'nkene-nkene no-ethe-ethe' aphuhlisa ntoni ngokuphathelele kwizenzo zobomi? (2)

10.2.4 Chonga isafobe esisetyenziswe ngumbhali kwisitanza sesibini, wandule ukuxela udidi lwaso. (2)

10.2.5 Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba 'izinto zalo mhlaba ziyaphela kwaye azihlali naphakade'. (1)

10.2.6 Amazwi ombhali athi 'ngubhanga cim'okwerhangasi' akunika mfanekiso ngqondweni mni ngezinto zalo mhlaba? (2)

10.2.7 Chaza umongo walo mbongo? (1)

10.2.8 Kukuthini ukuqob'amadolo? (2)

10.2.9 Uyavumelana noko kuthethwa kumqolo we-11 nowe-12 kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70